



Inombolo yefayili: 3/3/R
Isalathiso: 20240424-3336

ISetyhula: 0016/2024

Umhla wokuphelelwa: 03 Januwari 2025

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela Balawuli, kwiiNtloko zamaziko emfundo nakwimibutho yabaqeshwa eyaziwayo

Isishwankathelo esifutshane: *Ukulawulwa kwenkqubo yokwenziwa komsebenzi (ukuvalwa kwee-ofisi) ngethuba leeholide zokubhiyozela ukuphela konyaka ngo-2024.*

Isihloko: Ukulawulwa kwenkqubo yokwenziwa komsebenzi (ukuvalwa kwee-ofisi) ngethuba leeholide zokubhiyozela ukuphela konyaka ngo-2024.

- Ngokungqinelana nesigqibo sikaRhulumente weNtshona Koloni sokuba isebe lephondo ngalinye malimisele inkqubo yokwenziwa komsebenzi ngexesha leeholide, kuthathwe isigqibo sokuzivala ii-ofisi zeSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i-WCED) ukususela ngowe-**27 Disemba 2024 ukuya kowe-03 Januwari 2025** (iintsuku zomsebenzi ezintlanu), ngaphandle kwamagosa awenza imisebenzi ebalulekileyo.
- Bonke abaqeshwa mabaqaphele ukuba iintsuku zabo ezabelwe ikhefu laqho ngonyaka** (iintsuku ezintathu kumjikelo wekhefu lonyaka ka-2024 kunye neentsuku ezimbini kumjikelo wekhefu lonyaka ka-2025), **ziya kusetyenziswa ukulungiselela iintsuku zomsebenzi ezintlanu** yaye iifom zekhefu mazingeniswe njengesiqhelo.
- Eli thuba lokuvalwa kwee-ofisi ligcinwe lalifutshane kangangoko, kodwa lizilungiselela ngeyona ndlela ibhetele iimfuno zeSebe i-WCED.
- Kucelwa nikubeke phambili ukugqitywa kwayo yonke imisebenzi emayingeniswe neyokugqityezelwa kwezicwangciso ngethuba eliphakathi kokuvalwa kwaqho ngonyaka kwezikolo nokuvalwa kweSebe i-WCED ukuze sibenako ukubuyela emsebenzini ngowe-06 Januwari 2025, sikulungele ukumelana nemingeni yonyaka omtsha.

5. Ukuba kungakho nawuphi na umqeshwa okuchasayo oku kungasentla okanye ukuba kukho imfuno yokwenziwa komsebenzi ukulungiselela abaqeshwa abathile ukuba babesemsebenzini ngethuba lokuvalwa kwe-ofisi, inkcazo yezizathu ezivokothekileyo mayithunyelwe kuMlawuli oyiNtloko ochaphazelekayo ukwenzela ukuba athathe isigqibo ungalulanga owe-**30 Juni 2024**.
6. Izigqibo ezikhankanywe ngasentla mazaziswe uMlawuli oyiNtloko weCandelo loLawulo lweMicimbi yaBasebenzi ungalulanga owe-**31 Julayi 2024** noya kwazisa iNtloko yeSebe leMfundo malunga nazo naziphi na iimeko ezingaqhelekanga emaziqwalaselwe.
7. Kucelwa wazise okuqulethwe yile setyhula bonke abaqeshwa ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-B WALTERS
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2024-05-08